Ndiyakubulela ngokuthi uthathe oluvavanyo. Ndicela ufundisise lemibuzo ilandelayo. Nyaniseka umamele isazela sakho. Ingaba ucinga ukuba ungumntu olungileyo? Abantu abaninzi bacinga njalo. Ibhayibhile ithi kwimizekeliso 20:6 "abantu abaninzi bayakubabaza ukulunga kwabo,"

## Makhe sibone ukuba wena undawoni.

| | | |
|---|---|---|
| **Wakha wathetha ubuxoki?**<br>Oku kuquka nobuxoki nje obuncinci, nenyaniso engaphelelanga. | ✔ | ✖ |
| **Wakha weba nto ithile,nokuba inexabiso elingakanani?** | ✔ | ✖ |
| **Ingaba wakha wajonga umntu ngokumrhalela?**<br>Uyesu wathi "ndiyanixelela ukuba ubani uthi ajonge owesifazana aze amrhalele usele ekrexezile naye, entliziyweni." (mateyu 5:28) | ✔ | ✖ |
| **Ingaba kwacha kwabakho mntu uthile umcaphukelayo?**<br>Ibhayibhile ithi ukuba ubani ucaphukela omnye umntu, ungumbulali (yohane wokuqala 3:15). | ✔ | ✖ |

Ukuba impendulo yakho ngu "ewe" kulemibuzo ingasentla, oko kuthetha ukuba uyavuma ukuba ulixoki, ungumkrexezi , ukwanguye nombulali ngentliziyo, besisajonge kwemini kwimithetho elishumi. Ukuba uThixo ebenokukugweba ngelizinga, ingaba ubuya kubamsulwa okanye ubuya kubanetyala? Mamela isazela sakho, ukuba unyanisekile uyakuvuma ukuba unetyala( amaroma 3:23 "kuba bonke bonile basilela eluzukweni luka Thixo.") wonke ubani othe waphula nokuba ngomnye walemithetho sele egwwtywe unaphakade esihogweni(izityhilelo 21:8).

Ingaba usacinga ukuba ungumntu olungileyo okanye ingabangoku uyaqonda ukuba ungumoni(uyohane wokuqala 3:4), kwaye ufanelwe yingqumbo kaThixo?

uYesu waza emhlabeni ngenxa yesisizathu, wafa emnqamlezweni waza waphinda wavuka. Wafa njenge saphulimthetho, hayi kuba yena waye phule umthetho, kodwa kuba thina sawaphula. UYesu wathatha ityala lethu. Amaroma 5:8 "nantsi indlela awalubonakalisa ngaye uthando lwakhe uThixo, ngokuthi sisengaboni, uYesu asifele." Kufaneleke ukuba wenze ntoni wena? Guquka, jika ezonweni zakho, ubeke ukholo lwakho lonke kuYesu njengomsindisi nenkosi yakho, njengoko ubuya kubeka ithemba lakho kwiparashute ukuba bekunokunyanzeleka ukuba utsibe kwinqwelo moya esemoyeni. Yilonto kuphela eyakukusindisa (yohane 3:36)

Uze ufunde ibhayibhile imihla yonke uthobele oko ikutshoyo. Ndiya kubulela ngokuba uthe wathatha ixesha ukufunda iliphepha.

**Ngencukhaca ezithe vetshe iya ke www.answerstochristianity.org**
**Okanye bhalela ku p.o. box 5140, Elanora Heights, NSW 2101 Australia**